
# <u>Umzekeliso womhlwayeli</u>

ULuka 8 : 5 – 8, 11 – 15

5. Umhlwayeli waphuma waya


kuyihlwayela imbewu yakhe.



Ekuhlwayeleni kwakhe yawa enye

ngasendleleni,


yanyathelwa,




zathi iintaka zezulu

zayidla zayigqiba.

6. Yimbi yawa elulwalweni, yathi isahluma, yatsha ngenxa yokuba ibingenakunyakama.




7. Yimbi yawa phakathi kwemithana enameva, yasuka imithana enameva yahluma kunye nayo, yayiminxa.



8. Yimbi yawa kuwo wona umhlaba


olungileyo, yahluma,

yavelisa isiqhamo kalikhulu.



11. Ke kaloku umzekeliso nguwo lo:

Imbewu le lilizwi likaThixo.




12. Abo ke bangasendleleni ngabo bevayo,

andule afike uMtyholi,

alisuse ilizwi entliziyweni yabo,

ukuze bangakhowa basindiswe.




13. Abo ke baselulwalweni

ngabasakuthi, bakuliva,

balamkele ngvuyo ilizwi,

aba ke abanangcambu;



bona bakholwa umzuzwana,

zebathi ngexa

lokuhendwa balahle.

14. Leyo ke yawayo emithaneni enameva,

ngabo bathi, belivile,


bahambe benamaxhala

nobutyebi

neziyolo zobu bomi,


baminxwe,

baze bangavelisi siqhamo.



15. Ke leyo isemhlabeni omhle,

ngabo bona bathi



ngentliziyo entle,

elungileyo,

bakuliva ilizwi,

balihambe,

bavelise iziqhamo benomonde.

